



URhulumente
weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko
nezemiDlalo

ISicwangciso sokuSebenza soNyaka

2020/2021

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo leNtshona Kapa

IsiCwangciso sokuSebenza soNyaka

sowama-2020/21

Umhla we-10 kweyoKwindla wama-2020

OKUQULATHIWEYO

EXECUTIVE AUTHORITY STATEMENT	4
INGXELO YEGOSA ELIPHENDULAYO	5
UTYIKITYO LWE GOSA.....	6
IZIFINYEZO.....	7
 ICANDELO A: IGUNYA LETHU	 9
1. Uhlaziyo kuwisomthetho olufanelekileyo nakwizigunyaziso zomgaqonkqubo	9
1.1 Amagunya oMgaqosiseko.....	9
1.2 Umthetho namagunya omgaqonkqubo.....	11
1.3 Ubume bomgaqonkqubo	15
2. Uhlaziyo kwiMgaqonkqubo yeZiko kunye neziCwangciso	32
2.1. IiNdlela zokusebenza kweSebe	32
2.2. IsiCwangciso soPhuhliso lokuHanjiswa kweNkonzo	36
2.3. Amaphulo oMgaqonkqubo aCangcisiweyo.....	37
3. Uhlaziyo lweziGwebo zeNkundla eziFanelekileyo	37
 ICANDELO B: UJOLISO LWETHU OLUCWANGCISIWEYO	 40
4. Uhlalutyo lweMeko eHlaziyiweyo	40
4.1. Uhlalutyo lweMeko yangaPhandle	40
4.2. Imeko yangaPhakathi.....	43
 ICANDELO C: UMLINGANISELO WENDLELA YOKUSEBENZA	 48
5. Inkqubo yoku-1 IiNkcukacha zokwenziwa koMsebenzi	48
5.1. Iziphumo, Isiveliso, iSalathisi sokuSebenza, ekuJoliswe kuko ngoNyaka nangeKota	50
5.2. Inkcazelo yomsebenzi ocwangcisiweyo kwisithuba esingaphezulu kwesiqingatha sonyaka.....	52
5.3. Ingqwalasela yezixhobo zenkqubo	53
5.4. Imingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo	54
6. Inkqubo yesi2 IiNkcukacha zokusebenza	55
6.1. Iziphumo, Isiveliso, iSalathisi sokuSebenza, ekuJoliswe kuko ngoNyaka nangeKota	56
6.2. Inkcazelo ngomsebenzi ocwangcisiweyo ngaphezulu kwisithuba sesiqingatha sonyaka	59
6.3. Ingqwalasela yezixhobo zenkquboIngqikelelo yenkcitho	61
6.4. Imingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo	62
7. Inkqubo yesi-3 IiNkcukacha zokuSebenza	63

7.1.	Iziphumo, Isiveliso, iSalathisi sokuSebenza, ekuJoliswe kuko ngoNyaka nangeKota	64
7.2.	Inkcazelo ngomsebenzi ocwangcisiweyo	67
7.3.	Iingqwalasela yezixhobo zenkqubo	69
7.4.	Iingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo	70
8.	Inkqubo yesi-4 linkcukacha zokusebenza	71
8.1.	Iziphumo, Isiveliso, iSalathisi sokuSebenza, ekuJoliswe kuko ngoNyaka nangeKota	72
8.2.	Ingcaciso yomsebenzi ocwangcisiweyo kwithuba lesiqingatha sonyaka.....	76
8.3.	Iingqwalasela yezixhobo zeNkqubo	77
8.4.	Iingcipheko engundoqo ehlaziyiweyo	78
9.	AmaQumrhu kaRhulumente	79
10.	IiProjekthi zezibonelelo zophuhliso	79
11.	UbuHlakani phakathi kukaRhulumente namaShishini aBucala	79
ICANDELO D: IINKCAZELO NGESALATHISI SOBUCHWEPHETSHE (TID)		80
ISIHLOMELO A: IZILUNGISO KWISICWANGCISO SEQHINGA		150
ISIHLOMELO B: IZIBONELELO ZOXHOMKEKO		151
ISIHLOMELO C: IZALATHISI EZIHLANGENEYO		157
ISIHLOMELO D: IMODELI YOPHUHLISO LWESITHILI		158

EXECUTIVE AUTHORITY STATEMENT

Njengoko uRhulumente weNtshona Kapa egxile ekuphuhliseni ukhuseleko kwaye adale namathuba okwandisa amandla ethu okubandakanywa kwezentlalo, iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo liyayidlala indima ekuyileni iphondo apho abantwana banokuthi bakhule besempilweni, bekhuselekile kwaye belulungele uqoqosho lwangomso.

Eli Sebe ligxile ekuqinisekiseni intlalontle yabahlali bethu ngokuthatha inxaxheba kwezemidlalo kunye nolonwabo, okuphambili kwiphondo lethu ngomsebenzi wethu wokugcina kunye nokudumisa ilifa lemveli, ulwimi, inkcubeko kunye nezobugcisa kwaye ekugqibeleni indalo yeli phondo lethu ngokugxila ulutsha lujamelene nentlupheko, ukubekwa ecaleni, umngcipheko wokhuseleko kunye nentswela-ngqesho.

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo lenze imigudu emikhulu ekukhuthazeni ukugqwesa kunye nokubandakanyeka kwezemidlalo ngokusetyenziswa ngokufanelekileyo nakakuhle kwezixhobo zethu, nangokusebenzisana okuzinzileyo. Ukuqhubela phambili ngokugqwesileyo nokwenza iNtshona Kapa ibe liziko lezemidlalo nenkcubeko loMzantsi Afrika, sizibophelele ekuyileni iimeko ezinika amandla okufikelela kunye nokuthatha inxaxheba kwesininzi, ukuchongwa kwetalente kunye nokuphuhliswa kwezakhono ukuba ziphumelele.

Kwihlabathi liphela, ukubanakho kwamashishini ezenkcubeko kunye nawokudala ukufaka igalelo kuhlumo loqoqosho nokudalwa kwemisebenzi kuya kuthathelwa ingqalelo. Inxalenye ebalulekileyo yecandelo lishishini elililifa lemveli, elibuye lidlale iindima ezibalulekileyo ekukhuthazeni ubambiswano phakathi kwezwe, kunye nokwenza indawo kumanye amazwe. Senze inkqubela ebonakalayo kulungiselelwa amagama amabini achazayo ukuba abhalwe njengeendawo zeLifa leMveli le-UNESCO kunye nothotho lwamanyathelo ongenelelo oluphambili lotshintsho.

Esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka sichaza amanyathelo athatyathiwewo ukufezekisa umbono wethu, iinjongo kunye neenjongo zesiCwangciso sokusebenza ngokujolise kuko kuhlalo-lwabiwomali lonyakamali wama-2020/2001 nesiCwangciso sobuchule sephondo kunye nokubaluleka okuphefumlelwe ngumbono. Ngokukodwa, sigxile kwimizamo yethu yokwenza uluntu olukhuselekileyo nolubandakanyayo nasekuxhobiseni abantu.

Ukufezekisa iinjongo zethu zesiCwangciso-qhinga, silindele imiceli mngeni emininzi ngokunikwa imeko yangoku yemali kunye nokuncitshiswa kohlalo lwabiwomali. Nangona kunjalo, ndiqinisekile ukuba eliSebe liza kuqhubeka nokunikezela ngegunya kubantu baseNtshona Kapa ngononophelo olukhulu, ubuchule, ukuphendula, ukuthembeka, ukuvelisa izinto ezintsha kunye nokuphendula.

Siyaqhubeka nokusebenzisana noluntu, abasebenzi, abachaphazelekayo bangaphandle namahlakani ezicwangciso, ukuhambisa umsebenzi ochazwe kwesiCwangciso. Sisikhokelo esisesikweni seSebe kunyaka olandelayo. Ndijonge phambili ekuboneleleni ngenkuthalo kwezikhokelo zepolitiki ezifunekayo zokudibanisa iyantlukwano yabo bonke ababiza ikhaya laseNtshona Kapa ngemidlalo nakwinkcubeko.

AMarais

ANROUX MARAIS, MPP

IGOSA ELIPHENDULAYO LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO


KWEYOMDUMBA WAMA-2020

INGXELO YEGOSA ELIPHENDULAYO

- Ngexesha leMTEF, isebe lokugcina liza kwakhela kwimpumelelo nakwizifundo ozifunde kule minyaka imbalwa idlulileyo yomjikelo wokucwangcisa. Ngexesha lowama-2014 ukuya ku-2019 iSebe lenze inkqubela ebonakalayo ekufezekiseni umbono walo weNtshona Kapa bandakanyayo, eyilayo, esebenzayo, nexhunyiwe kwiPhondo ngokuhambisa ngokungxamisekileyo kwiithagethi zentsebenzo zalo kwimeko yolawulo olululo. ISebe liya kuthi ke ngoko liphumeze izinto zeSikhokelo sesiCwangciso sesiQingatha soNyaka sikazwelonke sowama-2019 ukuya kowama-2024, kunye nesiCwangciso seQhinga sePhondo sama-2019 ukuya kowama-2024, kugxilwe kokuBalulekileyo oluPhenjelelwa nguMbono ekuXhotyisweni kwabantu wabaHlali abakhuselekileyo kunye nabaHlangenayo. Umanyano kwezentlalo yiglu ehlanganisa uluntu ngokudibeneyo. Lo mxholo wenza inwebu kunye nesiqwengana somsebenzi wesebe lokugcina kwaye siya kwazisa indlela yethu kwixesha elizayo. Ngokukodwa, kwisebe liza kuphakamisa olu luvo ngoku: Imisebenzi enika uluvo lokuba ungumnini (umz. amasiko enkubeko, ukuthatha inxaxheba kweqela, injongo ekwabelwana ngayo - njengoovulindlela, iiklabhu zokufunda, iindawo zolutsha, uphando ngoovimba, ilifa lemveli njl.)
- Imisebenzi enika uluvo lokuthatha inxaxheba (umz. imidlalo kunye nolonwabo, ubugcisa, iinkqubo zasemva kwesikolo)
- Imisebenzi izinto ezithi zenze ukuba ube nokuzithemba (umz. Ulawulo olulungileyo, ulawulo olucocekileyo, ukufezekisa okujoliswe kuko, iingxelo zabemi, iingxelo zonyaka, unxibelelwano neentlanganiso zabaxhamli)
-

Kunyakamali wama-2020/21, iSebe liza kuthi ke ngoko liqhubeke nokuzabalazela ukudala iimeko zabantu kunye noluntu lukwazi ukufikelela kunye namathuba okuthatha inxaxheba ekuhlaleni, bexhaswe lulawulo olululo oluxhasa ukuhanjiswa kwenkonzo okusebenzayo kunye nokuphunyezwa kweenkqubo.

Ngokuzinikela kwethu okuqinisekileyo kwabasebenzi kunye nenkxaso yoMphathiswa wethu, siya kuba nakho ukulungelelanisa iimfuno zokunikezelwa kweenkonzo ngendlela enobuchule kwindawo enezemali ukuze kungenelwe abantu eNtshona Kapa.



BRENT WALTERS

IGOSA ELIPHENDULAYO LESEBE LEMICIMBI YENKCUBEKO NEMIDLALO

KWEYOMDUMBA WAMA-2020

UTYIKITYO LWE GOSA

Ngokwenjenje kuqinisekisiwe ukuba esi siCwangciso sokuSebenza soNyaka:

- saphuhliswa lulawulo lweSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo phantsi kwesikhokelo soMphathiswa u-Anroux Marais;
- sithathela ingqalelo yonke imigaqonkqubo efanelekileyo, imithetho kunye namagunya apho iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo inoxanduva khona; kwaye
- ibonakalisa ngokuchanekileyo iMpembelelo, iziPhumo kunye neziQhamo iSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo eliya kuzama ukusifezekisa kwisithuba sowama- 2020/21.

Brenda Rutgers

UmLawuli weNkqubo yoku-1



Utyikityo

Guy Redman

UmLawuli weNkaubo yesi-2 neyesi-3



Utyikityo

Jacqueline Boulle


UmLawuli weNkqubo yesi-4



Utyikityo

Brenda Rutgers

IGosa eliyiNtloko lezeMali



Utyikityo

Shaun Julie


Umlawuli: IsiCwangciso neNkxaso yoLawulo lokuSebenza



Utyikityo

Brent Walters

IGosa eliPhendulayo



Utyikityo

Yamkelwe ngu:

Anroux Marais

IGunya eliLawulayo



Utyikityo

IZIFINYEZO

4IR	IsiGaba seSine sobuXhakaxhaka
ASP	INkqubo yaseMva kweSikolo
AtoM	Ufikelelo kwiMemori
BelCom	IKomiti yoLwakhiwo neMbonakalo yoMhlaba
CASMIS	IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye neNkqubo yeeNkcukacha zoLawulo
CFO	IGosa eliyiNtloko lezeMali
DAC	ISEbe lobuGcisa neNkcubeko likaZwelonke
DCAS	ISEbe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
DBE	ISEbe leMfundo esiSiseko
Ce-I	IZiko le-e-Innovation
DEDAT	ISEbe loPhuhliso loQoqoaho noKhenketho
DORA	UMthetho wokwaHlulwa kweNgeniso (yonyaka)
DPSA	ISEbe leNkonzo yoLuntu noLawulo
DSAC	ISEbe lezeMidlalo, ubuGcisa neNkcubeko
EE	UbuLungisa ngokweNgqesho
EPWP	INkqubo yeMisebenzi yoLuntu eYandisiweyo
ECM	ULawulo loMxholo yoShishino
ERM	ULawulo loMngcipheko woShishino
GRAP	IMithetho siseko yokuNika iNgxelo Jikelele
GWM&E System	Ububanzi boRhulumente neNkqubo yoBeko liso noVavanyo
HR	IMicimbi yezaBasebenzi
HWC	ILifa leMveli leNtshona Kapa
ICAN	UNxibelelwano lokuFikelela kwiNtsebenziswano yoLuntu
ICT	UbuXhakaxhaka beeNkcukacha noNxibelelwano
IDP	IsiCwangciso esiHlanganayo soPhuculo
IGR	Ubudlelwane booRhulumente
M & E	Ubekoliso noVavanyo
MEC	ILungu lesiGqeba eliLawulayo [sePhondo] iBhunga loLawulo] (uMphathiswa wephondo)
MOU	IsiVumelwano sokuQondana
MOD	INtathoxaxheba ngobuNinzi; iThuba nofikelelo; uPhuhliso nokuKhula
MPP	ILungu lePalamente yePhondo
MTEF	ISikhokelo seNkcithomali kwisiThuba sesiQingatha soNyaka
MTSF	Isikhokelo sesiCwangciso kwisiThuba sesiQingatha soNyaka
NAC	IBhunga likaZwelonke
NDP	IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke: uMbono wama-2030
NGO	UMbutho Ongekho Phantsi koRhulumente
NHC	IBhunga leLifa leMveli likaZwelonke

NHRA	UMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli, we-1999
NHS	IZikolo zaseBumelwaneni
NSRP	IsiCwangciso sikaZwelonke seMidlalo noLonwabo
PAJA	UkuKhuthazwa koMthetho woLawulo lwezoBulungisa
PanSALB	IBhodi yeeLwimi zaBantu yoMzantsi Afrika
PAP	IsiCwangciso sokwenza sePhondo
PLC	IKomiti yeeLwimi zePhondo yePanSALB
PFMA	UMthetho woLawulo lwezeMali kaRhulumente, we-1999
PN	ISaziso sePhondo
PSG	INjongo yesiCwangciso yePhondo
PSP	IsiCwangciso seQhinga sePhondo
PWD	Abantu abaphila ngoKhubazeko
RLCP	IProjekthi yoNxibelelwano lweThala leencwadi zendawo yaseMaphandleni
RSA	IRiphabliki yaseMzantsi Afrika
SAHRA	I-Arhente yeZibonelelo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika
SASCOC	UManyano lweMidlalo neKomiti ye-Olimpiki yoMzantsi Afrika
SASREA	UKhuseleko kwezeMidlalo nakwiMisitho yezoLonwabo
SCM	ULawulo lweNtengo
SCMPP	INkqubo yoLuntu lweSiyadlala yokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi
SDIP	IsiCwangciso sokuPhucula ukuNikezelwa kweNkonzo
SMS	INkonzo yoLawulo oluPhezulu
SRSA	IMidlalo nezoLonwabo eMzantsi Afrika
SSMPP	INkqubo yeZikolo yokuThatyathwa kweNxaxheba luNinzi kwiMidlalo
UAMP	IsiCwangciso soLawulo lokuSetyenziswa kwe-Asethi
UNESCO	UMButho weZizwe eziManyeneyo weMfundo, weNzululwazi neNkcubeko
UWC	IYunivesithi yaseNtshona Kapa
VIP	UkuBaluleka okuPhenjlelwa nguMbono
WC	INtshona Kapa
WCCC	IKomishini yeNkcubeko eNtshona Kapa
WCED	ISebe leMfundo leNtshona Kapa
WCG	URhulumente weNtshona Kapa
WCPGNC	IKomiti yokuThiywa kwaMagama eeNgingqi yePhondo leNtshona Kapa
WCLC	IKomiti yeeLwimi eNtshona Kapa
WOSA	Indlela kaWonke wonke kuRhulumente weNtshona Kapa

ICANDELO A: IGUNYA LETHU

1. Uhlaziyo kuwisomthetho olufanelekileyo nakwizigunyaziso zomgaqonkqubo

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo (iDCAS) lithathela ingqalelo njengembophelelo igunya lomthetho ekusetyenzwa kuwo ngokusekwe, ngokufanelekileyo: ngokufezekileyo, ngokulinganayo nangokufikelelekayo kokuhanjiswa kweenkonzo, ngokusekwe kwiPhepha leNgcaciso loMgaqonkqubo kaZwelonke kuHlelo lokuHanjiswa kweeNkonzo zikaRhulumente, Inyathelo leBatho Pele. I-DCAS isebenza ngaphakathi kwemiyalelo yowisomthetho kunye nomgaqonkqubo echazwe kwiithebhile ezingezantsi.

1.1 Amagunya oMgaqosiseko

Icandelo	Inkcazelo
UMgaqosiseko weRiphabliki yaseMzantsi Afrika, we-1996	
ICandelo lesi-6(3), (4) kunye (nelesi-5): Ulwimi	URhulumente weNtshona Kapa (iWCG) kufuneka, ngokomthetho nangezinye iindlela, alawule aze abeke iliso kusetyenziso lweelwimi ezisemthethweni. Zonke iilwimi ezisemthethweni kufuneka zikonwabele ukuhlonitshwa kwaye kufuneka ziphathwe ngokulinganayo. I-DCAS isebenzisana neBhodi yeelwimi Zonke zoMzantsi Afrika ukukhuthaza, kunye nokwenza iimeko zophuhliso kunye nokusetyenziswa kweelwimi zesiKhoi, isiNama kunye neSan, kunye noLwimi lweZandla lwaMzantsi Afrika. IKomiti yeelwimi yeNtshona Kapa (iWCLC), ngokubambisana neDCAS, inoxanduva lokujonga nokuvavanya ukuphunyezwa koMgaqonkqubo weelwimi waseNtshona Kapa, owamkelwa ngowama-2001, kwaye kufuneka inike ingxelo kwiPalamente yePhondo laseNtshona Kapa kweligunya ubuncinane kanye ngonyaka. I-DCAS yongamele iWCLC kwaye ibonelela iKomiti ngenkxaso kulawulo nakwimali.
ICandelo lama-30: Ulwimi nenkcubeko	I-DCAS iququzelela amathuba kubantu baseNtshona Kapa ukusebenzisa amalungelo wabo olwimi nenkcubeko yabo ngokusebenzisa iinkqubo kunye neeprojekthi ezimeleyo nezixhasayo.
ICandelo lama-31: iNkcubeko, unqulo kunye noluntu olunolwimi	I-DCAS kufuneka iqinisekise ukuba iinkqubo zalo kunye neeprojekthi zihloniphe inkcubeko nokwahlukana ngokolwimi loluntu lwaseNtshona Kapa.
ICandelo lama-41: Imithethosiseko zentsebenziswano karhulumente kunye nobudlelwane boorhulumente	I-DCAS isebenzisana nawo onke amaqanaba karhulumente. Ngokwezigunyaziso zayo ezithile, iDCAS isebenza ngokubambisana neSebe lezobuGcisa neNkcubeko likazwelonke (iDAC) kunye neMidlalo noLonwabo eMzantsi Afrika (iSRA, isebe likazwelonke elinoxanduva kwezemidlalo nolonwabo); amaqumru kazwelonke nawamaphondo; noomasipala eNtshona Kapa.
ICandelo le-156(4): Unikezelo lwamagunya	I-DCAS kufuneka inike okanye inikezele kumasipala, ngesivumelwano nangaphantsi kwayo nayiphi na imeko efanelekileyo, ukulawulwa kwento edweliswe kwiCandelo A leShedyuli yesi-4 okanye iCandelo A leShedyuli yesi-5 enxulumene norhulumente wengingqi, ukuba— - umcimbi lowo uza kulawulwa ngokukuko ngurhulumente wezekhaya; kwaye - umasipala unawo amandla okulawula. I-DCAS iququzelela ukunikezelwa kweenkonzo zethala lencwadi likakawonke-wonke, ethi urhulumente wasekhaya ayigqale njengegunya elingaxhaswa ngamali. Ezi nkonzo zinikezelwa ngokusebenzisana noNongxowa kaZwelonke kunye neSebe lezobuGcisa neNkcubeko likazwelonke ngesiBonelelo soXhomekeko samaThala eencwadi zoLuntu, ngenkxaso engaphezulu evela kwingxowamali yembuyeko ekulawulo lukaNongxowa wePhondo kwimali kamasipala.
IShedyuli yesi-4: linkalo zoWisomthetho eziSebenza	Imiba yeNkcubeko: I-DCAS isebenza ngokusebenzisana neDAC kunye nemibutho esebenzisana nayo ngokwemiba yobugcisa, inkcubeko nelifa lemveli.

Icandelo	Inkcazelo
ngokufanayo kuZwelonke nakwiPhondo	Umgqonkqubo weelwimi kunye nomgaqo weelwimi ezisemthethweni kangangokuba izibonelelo zeCandelo lesi-6 loMgaqosiseko zichaza ngokungathandabuzekiyo ukuba iPalamente yePhondo leNtshona Kapa linobuchule bowisomthetho: I-DCAS isebenza ngokubambisana neDAC kunye namanqanaba karhulumente asebenza ngokubambisana ngokwemiba yomgaqonkqubo weelwimi.
IShedyuli yesi-5: linkalo zoWisomthetho eziSebenza ngokuziMelelyo kwiPhondo	Oovimba ngaphandle koovimba bakazwelonke: - I-DCAS igunyaziswe ukuba liyile umthetho wephondo omalunga noovimba ngaphandle koovimba bakazwelonke kunye nokulawula uphonyezo lwayo. ISebe linoxanduva looVimba beNtshona Kapa kunye neNkonzo yeeRekhodi. Amathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kazwelonke: - I-DCAS inikwe igunya lokuyila umthetho wephondo malunga namathala eencwadi ngaphandle kwamathala eencwadi kazwelonke lize lilawule uphonyezo lwayo. ISebe linoxanduva lokunikela ngeNkonzo yeThala leencwadi leNtshona Kapa kwaye lisebenisane namagunya ethala loluntu ukunikezela ngethala loluntu kunye nenkonzo yeenkcukacha. IiMyuziyam ngaphandle kweemyuziyam zikazwelonke: - I-DCAS inikwe igunya lokuyila umthetho okhethekileyo wephondo malunga neemyuziyam ngaphandle kweemyuziyam zikazwelonke aze alawule uphonyezo lwayo. ISebe linoxanduva lokunikela neNkonzo yeMyuziyam yephondo, ngokusebenzisana neemyuziyam zemanjalo kunye nokuxhasa ezi myuziyam. Imiba yenkcubeko yePhondo (kuquka ulawulo lwezixhobo zelifa lemveli kunye namagama eendawo): - I-DCAS ibonelela iLifa leMveli leNtshona Kapa (HWC) – igunya elijongene nezixhobo zokusebenza ilifa lemveli lamiselwa ngokoMthetho weZixhobo zelifa leMveli kaZwelonke, we-1999 (iNHRA) – ikunye nabasebenzi kunye nenkxaso ngemali nenkxaso yolawulo ukwenza umsebenzi eliwumiselweyo ngokusemthethweni. UMEC [iLungu leBhunga loLawulo (lePhondo)] nguye omisela iBhunga leHWC kwaye wonyulwe ngengomntu onegunya leNtshona Kapa. - I-DCAS ibonelela iKomiti eququzelela aMagama eeNgingqi kwiPhondo leNtshona Kapa ngenkxaso evunyiweyo kananjalo inika nanye inkxaso (iWCPGNC) ukuqhuba umsebenzi ngokufakana imilomo noluntu malunga nemiba yokubeka emgangathweni omnye, kunye nokutshintshwa kwamagama. Yakuba iqoshelisiwe inkqubo, iKomiti yephondo yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNgingqi eMzantsi Afrika. IMidlalo: - I-DCAS igunyaziswe ukunceda ngokudala imeko esebenzayo yemidlalo yephondo kunye nemisebenzi eyonwabisayo.
ICandelo le-195: Ixabiso elisisiko kunye nemithethosiseko elawula ukuphathwa koluntu	Amagosa e-DCAS kufuneka abambalele kwizibonelelo zecandelo le-195, elibonelela ngenkcazelo yexabiso nemiithethosiseko elawula ukuphathwa koluntu. ICandelo le-195(1)(b) lidinga indlela esebenzayo, enoqoqosho kunye nokusebenzisa kakuhle izixhobo. Oku kuchaza ukuba iinkqubo eziqhutywayo kwicandelo loluntu lifanele ukuba libenengeniso ngexabiso eliphantsi.
ICandelo lama- 92 kunye nele-133	ICandelo lama-92 ligxile ekubeni amalungu eKhabhinethi babenoxanduva ngokuhlangeneyo nangokuzimela kwawo kwiPalamente ukusebenzisa amandla awo kunye nokwenza imisebenzi yawo, kwaye kufuneka babonelele iPalamente ngeengxelo ezipheleleyo kwimiba ephantsi kolawulo. ICandelo le-133 likhuthaza ukuba ooMECs bephondo babenoxanduva ngokuhlangeneyo nangokuzimela lomthetho wephondo ukusebenzisa amandla abo kunye nokuwenza imisebenzi yabo, kwaye kufuneka babonelele umthetho ngeengxelo ezipheleleyo rhoqo kwimiba ephantsi kolawulo lwabo.
UMgaqosiseko waseNtshona Kapa, uMthetho woku-1 we-1998	
ICandelo lesi-5	Ngokweenjongo zikaRhulumente waseNtshona Kapa: - Iilwimi ezisemthethweni, isiBhulu, isiNgesi kunye nesiXhosa emazisetyenziswe; kwaye - ezi lwimi mazilonwabele iwonga ngokulinganayo. I-WCG kufuneka, ngokusebenzisa umthetho kunye nezinye iindlela, ilawule ze ibeke iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa. I-WCG kufuneka ithathe amanyathelo afanelekileyo okuphakamisa umgangatho nokuqhubela phambili ukusetyenziswa kwezi lwimi zomthonyama zabantu baseNtshona Kapa abanembali yokusetyenziswa kwayo.
ICandelo lama-70	Umthetho wephondo kufuneka ubonelele ngokusekwa kunye nenkxasomali efanelekileyo, kwizixhobo ezifumanekayo uRhulumente weNtshona Kapa, kwibhunga lenkcubeko okanye amabhunga oluntu okanye abantu kwiphondo abelana ngenkcubeko kunye nelifa lemveli

Icandelo	Inkcazelo
	kunye nolwimi. Ubhaliso nenkxaso kumabhunga enkubeko: • IKomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa (WCCC) inikwe umsebenzi wokubhalisa kunye nokuxhasa, kumabhunga enkubeko abhalisiweyo. I-DCAS yongamela iWCCC kwaye ibonelela iKhomishini ngenkxaso kulawulo nakwimali.
ICandelo lama-81	URhulumente weNtshona Kapa kufuneka amkele kwaye amisele imigaqonkqubo ngenkuthalo ukukhuthaza nokugcina intlalontle yabantu bephondo, kubandakanya nemigaqonkqubo ejolise ekufezekiseni: • ukukhuthazwa kwentlonipho yamalungelo enkubeko, onqulo kunye noluntu oluneelwimi kwiNtshona Kapa; kunye • nokhuseleko kunye nolondolozo lwembali yezendalo, imbali yenkcubeko, ilifa lemveli eze ngokwenzululwazi yezinto zakudala kunye nelifa lemveli lezinto zakudala zaseNtshona Kapa ukulungiselela izizukulwana ezizayo. I-DCAS iphumeza imigaqonkqubo ethile ukuxhasa ezi zibonelelo.
ICandelo lama-82	Imithethosiseko esisikhokelo yomgaqonkqubo wephondo kwiSahluko se-10 (icandelo lama-81) likhokela uRhulumente weNtshona Kapa xa esenza naxa iphumeza imithetho.

1.2 Umthetho namagunya omgaqonkqubo

Umthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho wokuPhathwa koLawulo lukaRhulumente, wama-2014	uMthetho we-11 wama-2014	Ukukhuthaza iimpawu zentsulungeko ezisisiseko kunye nemithetho siseko elawula ukuphathwa koluntu ekubhekiswe kuyo kwiCandelo le-195 (1) loMgaqo siseko; ukubonelela ngokudluliselwa kunye nokusekelwa kwabasebenzi kulawulo lukarhulumente; ukulawula ukuqhutywa kweshishini noRhulumente; ukubonelela ngokuphuhlisa kwezakhono noqeqesho; ukulungiselela ukusekwa kweSikolo sikaRhulumente sikaZwelonke; ukubonelela ngokusetyenziswa kolwazi lobugcisa yolwazi nonxibelelwano kulawulo lukarhulumente; ukuseka kweYunithi yeNkxaso yobuGcisa yoLawulo lukaRhulumente loMgaqo osesikweni wokuziPhatha, iMfezeko noLuleko; ukubonelela uMphathiswa ukuze amisele ubuncinci izithethe kunye nemigangatho yolawulo lukarhulumente; ukuseka i-Ofisi yeMigangatho kunye nokuThotyelwa ukuze kuqinisekise ukuthotyelwa ngobuncinci bezithethe nemigangatho ebekiweyo; ukuxhobisa uMphathiswa ukuba abeke imigaqo; nokulungiselela imicimbi enxulumene noko.
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999	uMthetho woku-1 we-1999	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (PFMA): • ulawula ukuphathwa kwemali koorhulumente wephondo nokazwelonke, odweliswe kumaqumrhu karhulumente, amaziko omgaqo siseko kunye nezindlu zowiso mthetho zephondo; • ukuqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, ii-asethi neemfanelo zalamaziko alawulwa ngokufanelekileyo nangokusebenzayo; kwaye • uchaza uxanduva lwabantu abathenjweyo ngolawulo lwemali kulamaqumrhu.
UMthetho weNkonzo yoLuntu, we-1994 (njengoko kulungisiwe, phakathi kwezinye izinto, uMthetho oLungiseweyo weNkonzo yoLuntu, wama-2007)	Isibhengezo se-103, iPhapha ndaba loMbuso nombolo 15791, ngomhla wesi-3 kweyeSilimela we-1994 kunye nomthetho wama-30 kowama-2007.	Lo Mthetho wenza isibonelelo kwiqumrhu kunye nolawulo lweDCAS, ukumiselwa kwemiqathango yengqesho, ngokwemeko ye-ofisi, ululeko, umhlala phantsi kunye nokukhutshwa kwamalungu enkonzo yoluntu, neminye imicimbi enxulumene noko.
UMthetho wokwahlulwa	Kukho uMthetho omtsha qho	Qho ngonyaka, uMthetho wokwahlulwa kweNgeniso (DORA): • ubonelela ngolwahlulo olulinganayo lwengeniso eqokelelwe kuzwelonke

Umthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelo
kweNgeniso (ngonyaka)	ngonyaka.	phakathi kumanqanaba kazwelonke, awamaphondo kunye nawasekhaya; • umisela iphondo ngalinye ngesabelo esilinganayo sesabelo sephondo salo ngeniso; kwaye • wenza izabelo kumaphondo, kurhulumente wezekhaya okanye koomasipala ukusuka kwisabelo sikarhulumente kazwelonke salo ngeniso, kuxhomekeka kwiimeko. I-DCAS ifumana iZiboneleo ezinemiQathango kurhulumente kazwelonke kwaye inoxanduva lolawulo lwale mali.
UMthetho wokuKhuthaza uFikelelo kwiNkcukacha, wama-2000	uMthetho wesi-2 wama-2000	Lo Mthetho unika iziphumo kumalungelo okufikelela kwiirekhodi ezigcinwe ngumbuso, kumaziko karhulumente kunye namabhunga olawulo. Phakathi kwezinye izinto, iDCAS nebhunga ngalinye loluntu nelabucala kufuneka: • lihlenganise incwadana eyakuthi icacise kumalungu ukuba sifakwa njani isicelo luluntu sofikelelo kwiinkcukacha ezigcinwe libhunga; kwaye • liqeshe igosa leenkcukacha ukuqaphela izicelo zofikelelo kwiinkcukacha ezigcinwe libhunga.
UkuPhakanyiswa koBulungisa kwezoLawulo, wama-2000	uMthetho wesi-3 wama-2000	Lo Mthetho: • ubeka ngokuthe gca imithetho nezikhokelo ekufuneka ilandelwe ngabalawuli xa bethatha izigqibo; • ufuna abalawuli bazise abantu malunga namalungelo abo ukuhlaziya okanye ukubhena namalungelo abo okucela izizathu; • ufuna abalawuli ukuba banike izizathu zezigqibo zab; kwaye • unika amalungu oluntu ilungelo lokucela umngeni izigqibo ezenziwe ngabalawuli enkundleni.
UMthetho wamaZiko eNkcubeko, we-1998	uMthetho we-119 we-1998	DI-CAS kufuneka ixhulumane kwaye isebenzisane nozwelonke ukubhengeza amaziko enkcubeko malunga nobugcisa, inkcubeko kunye nemicimbi yelifa lemveli.
UMthetho wokuPhakanyiswa kweNkcubeko, we-1983	uMthetho wama-35 we-1983	Lo mthetho wabelwa iNtshona Kapa kwaye iDCAS inoxanduva lokuthobela imiqathango yoMthetho.
UMthetho weMicimbi yeNkcubeko (iNdlu yoWiso Mthetho), we-1989	uMthetho wama-65 we-1989	Lo mthetho siseko wabelwa iNtshona Kapa kwaye iDCAS inoxanduva lokuhambelana nemiqathango yoMthetho.
UMthetho kaZwelonke wooVimba kunye neeRekhodi zeNkonzo yoMzantsi Afrika, we-1996	uMthetho wama-43 we-1996	I-DCAS inoxanduva lokonyulwa kummeli wephondo leNtshona Kapa ukuhlala kwiBhunga leNgcebiso zooVimba bakaZwelonke. ISebe kananjalo linoxanduva lokuhlangabezana nezithethe kunye nemigangatho esekwe phantsi kwaloMthetho.
UMthetho kaZwelonke weBhunga lobuGcisa, we-1997	uMthetho wama-56 we-1997	I-DCAS inoxanduva lokukhethwa kummeli wephondo leNtshona Kapa ukuhlala kwiBhunga lobuGcisa likaZwelonke (NAC), ngentsebenziswano kunye noququzelelo neNAC, kunye nokulawula inkxaso mali yeNAC ukuphuhliswa kobugcisa kunye nenkcubeko eNtshona Kapa.
UMthetho weBhunga leLifa leMveli, we-1999	uMthetho we-111 we-1999	I-DCAS inoxanduva lokukhethwa kwommeli wephondo leNtshona Kapa ukuhlala kwiBhunga leLifa leMveli likaZwelonke (NHC), kwanokusebenzisana nokuququzelela imisebenzi enxulumene nenkxaso mali neprojekthi eqhutywa yiNHC eNtshona Kapa.
UMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli, we-1999	uMthetho wama-25 we-1999	I-DCAS iqinisekisa ukuthotyelwa kweNHRA ngokubeka esweni ukonyulwa kobameli bephondo laseNtshona Kapa, ngokukhetha ilungu leBhunga leLifa leMveli laseNtshona Kapa, ukuba ihlale kwiBhunga le-Arhente yeZixhobo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika (SAHRA). I-DCAS ikwaqinisekisa ukuthotyelwa kwemfuneko yokuba uMEC kufuneka atyumbe iBhunga leHWC - igunya lezibonelelo zelifa lemveli lephondo elityunjwe ngokweNHRA. Eli Sebe linoxanduva lokunxibelelana nokusebenzisana neSAHRA, iHWC noomasipala ngokubhekisele kulawulo lwezixhobo zelifa lemveli. I-DCAS ikwancedisa uMphathiswa wePhondo xa kufakwa izibheni kuye ngokuchasene nezigqibo zeHWC

Umthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho weBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika, we-1995	uMthetho wama-59 we-1995	Phakathi kwezinye izinto, lo Mthetho ufuna ukuba iBhodi yeeLwimi zoMzantsi Afrika (iPanSALB) iseke ikomiti yolwimi lwephondo (PLC) kwiphondo ngalinye. I-PanSALB PLC yeNtshona Kapa yasekwa kweyeThupha wama-2019. IKomiti yeeLwimi yeNtshona Kapa yamkelwa yiBhodi yeeLwimi yaseMzantsi Afrika.
UMthetho weBhunga laMagama eendawo eMzantsi Afrika South, we-1998	uMthetho we-118 we-1998	I-DCAS inoxanduva lokuhambelana nemigqaliselo yalo Mthetho-siseko yokutyumba abameli bephondo laseNtshona Kapa ukuba bahlale kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika; ukuphanda amagama eendawo eNtshona Kapa; ukuqinisekisa ukubekwa emgangathweni; kwaye, apho kufanelekileyo, ukulungiselela ukucebisa nolutu malunga neenguqu eziphakanyisiweyo kula magama. Eli Sebe linikezela ngenkxaso yobuchule kunye nenye inkxaso kwiKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Kapa. Nje ukuba uthethathethwano lugqityiwe, iWCPGNC yenza izindululo kwiBhunga laMagama eeNdawo loMzantsi Afrika.
UMthetho weNgqungquthela yeLifa leMveli kwiHlabathi, we-1999	uMthetho wama-49 we-1999	I-DCAS inoxanduva lokukhetha ummeli wephondo leNtshona Kapa ukuhlala kwiKomiti yeNgcebiso yeLifa leMveli yeLizwe loMzantsi Afrika. Eli Sebe likwanoxanduva lokuthobela imiqathango yoMthetho kunye neNgqungquthela yeLifa leMveli yeHlabathi ngokubhekisele ekutyunjweni kweziza ezinokubakho kuLuhlu loLingo (<i>Tentative</i>) laseMzantsi Afrika, kunye nokonyulwa kweziza ezikuLuhlu loLingo laseMzantsi Afrika ukutsala umdla kwiKomiti yeLifa leMveli le-UNESCO.
UMthetho kaZwelonke wezeMidlalo noLonwabo, we-1998	uMthetho we-110 we-1998	UMthetho ubonelela ngokukhuthazwa nokuphuhlisa kwezeMidlalo noLonwabo kunye nokuququzelelwa kobudlelwane phakathi kweSRSA, iSASCOC (iNgqungquthela yezeMidlalo yoMzantsi Afrika neKomiti yeOlimpiki) iimanyano zemidlalo, amabhunga ezemidlalo kunye nezinye ii-arhente. UMthetho uqhubeka ukubonelela ngamanyathelo ajolise ekulungiseni ukungalingani kwezemidlalo nakwezolonwabo; ukukhuthaza ukulingana kunye nentando yesininzi kwimidlalo nokuzonwabisa; kunye nokubonelela ngeendlela zokusombulula ezi ngxaki kwimidlalo nakulonwabo.
UMthetho woKhuseleko kweMidlalo nakwiMisitho yezoLonwabo, wama-2010	uMthetho wesi-2	Ukubonelela ngeendlela zokukhusela ukuphila ngokomzimba kunye nokukhusela abantu kunye nepropati kwezemidlalo, kwezolonwabo, unqulo, inkcubeko, imiboniso, nemisitho yeziko okanye imisitho efana nayo ebanjelwe kwiztediyam, kwiindawo zemidlalo okanye ngasezindleni; ukubonelela ngoxanduva lwabadlali ndima bemisitho; ukubonelela ngokumiselwa kweendlela zokuqubisana nokhuseleko kunye nokhuselo emisithweni; ukubonelela ngokuvunywa kwabadlali ndima emisithweni; ukubonelela ngokukhupha amatikiti emidlalweni; ukubonelela ngolawulo lokungena kwababukeli kunye neenqwelo kwimisitho; ukubonelela ngokukhupha iziqinisekiso zokhuseleko kwiindawo okanye izitediyam ezikhoya; ukubonelela ngomakuqulathwe kwiziqinisekiso sokhuselo kunye nezilungiso kwiziqinisekiso zokhuselo; ukubonelela ngokuqeshwa kwabahloli kunye namagunya okungena nokuhlola; ukubonelela ngokuthunyelwa kweenkonzo zokhuseleko; ukubonelela ngezaziso zokuthintelwa kwababukeli; ukubonelela ngezaziso zokwalela abantu; ukubonelela ngokumiselwa kweBhodi yesiBheno yokubhena; ukubonelela nge inshorensi yempahla yoluntu kwimisitho; ukubonelela ngentlawulo yemirhumo; ukubonelela ngokubhekisele kumatyala nangezohlwayo; kuye nokubonelela ngemiba ephathelele koko.
UMthetho oKhuseleka iiNkcukacha zoBuqu, wama-2013	uMthetho wesi-4 wama-2013	UMthetho ukhuthaza ukukhuselwa kweenkcukacha zobuqu ezaziqhutywa ngamaziko oluntu nawabucala; ukwazisa iimeko ezithile ukuze kumiselwe ezona mfuno zisezantsi zokuqhubekeka kolwazi lomntu buqu. Ukongeza, lo Mthetho ubonelela ngokusekwa koMlawuli weNkcukacha ukusebenzisa amandla athile nokwenza imisebenzi ethile ngokwemigaqo yalo Mthetho kunye noMthetho wokuKhuthaza ukuFikelela kwiNkcukacha, wama-2000. UMthetho ubonelela ngokukhutshwa kweekhowudi yendlela yokuziphatha; amalungelo abantu malunga nonxibelelwano lwe-elektroniki olungacelwanga kunye nokwenza izigqibo ezizenzekelayo; ukulawula ukuhamba kweenkcukacha zobuqu kwimida yeRiphabhlikhi iphela; nokulungiselela imiba enxulumene noko.
UMthetho woBukhosi beMveli yamaKhoi namaSan, wama-2019		Ezona njongo zoMthetho zezi: Ukwenza amalungiselelo okwamkela ubuNkokheli bamaKhoi-San; Ukuhlenganisa uMthetho weNdlu yeeNkokheli zeMveli zikaZwelonke. Wa,a-2009, kunye noMthetho wobuNkokheli beMveli kunye neNkqubo yeSikhokelo soLawulo, wama-2003; Ukuqubisana nezithintelo ezithile kukwisomthetho olukhoyo; ukwenza izilungiso ezifanelekileyo kweminye imithetho.

Umthetho wePhondo	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho weLwimi zePhondo leNtshona Kapa, we-1998	umthetho we-13 we-1998 (eNtshona Kapa)	IKomiti yeeLwimi yaseNtshona Kapa eyasungulwa nguloMthetho kufuneka, ngaphandle kwezinye izinto: • ibeke iliso ekusetyenzisweni kwesiBhulu, isiNgesi nesiXhosa nguRhulumente weNtshona Kapa; • yenze izindululo kuMEC nakwiPalamente yePhondo kwimithetho ecetywayo nekhoyo, ukuziqhelanisa nemigaqo nkqubo ejongene ngqo okanye ngokungathanga ngqo nolwimi kwiNtshona Kapa; • ikhuthaze ngokusebenzayo imithetho siseko yeelwimi ezininzi; • ikhuthaze ngokusebenzayo uphuhliso lweelwimi zemveli ebezifudula zisingelwe phantsi; • icebise uMEC neKomishini yeNkcubeko yaseNtshona Kapa kwimiba yolwimi kwiPhondo; kwaye • icebise iPanSALB kwimicimbi yolwimi kwiNtshona Kapa. I-DCAS inobongameli beWCLC kwaye ibonelela le Komiti ngolawulo kunye nenkxaso yezemali.
UMthetho weKomishini yeNkcubeko namaBhunga eNkcubeko waseNtshona Kapa, we-1998	umthetho we-14 we-1998 (eNtshona Kapa)	Lo mthetho umisela iKomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa, phakathi kwezinye izinto, ukuqwalasela ubhaliso kunye nokubhaliswa ngokutsha kwamabhunga enkcubeko amele uluntu olwabelana ngenkcubeko kunye nelifa lemveli. I-WCCC inokwenza izindululo koku kulandelayo: • ubugcisa obubonwayo, bokulinganisa kunye noboncwadi; • Inzululwazi yendalo kunye neyabantu; • Imbali yenkcubeko; kunye • ukwazisa ngenkcubeko kunye nokubandakanyeka kolutsha kwinkcubeko. I-DCAS yongamela iWCCC kwaye ibonelela iKomishini ngenkxaso kulawulo nakwimali.
IMimiselo yoLawulo lweZixhobo zeLifa leMveli leNtshona Kapa, wama-2002	iPN yama-336 yomhla wama-25 kweyeDwarha wama-2002	I-DCAS yongamela iLifa leMveli leNtshona Kapa – igunya lezixhobo zelifa lemveli elityunjwe ngokweNHRA – kwaye libonelela iHWC ngenkxaso kulawulo nakwimali. U-MEC unoxanduva lokumisela igunya kwaye nokutyumba iBhunga kwisikhundla kwisiqingatha ngasinye esilandelayo se-ofisi. (Inguqulelo yesiNgesi)
IMimiselo yoLawulo lweZixhobo zeLifa leMveli leNtshona Kapa, wama-2003	iPN yama-298 yomhla wama-29 kweyeThupha wama-2003	Inguqulelo yesiBhulu nesiXhosa: I-DCAS ibeka iliso kwiLifa leMveli leNtshona Kapa – igunya lezixhobo zelifa lemveli lephondo elimeselwe ngokweNHRA – nelinika inkxaso yolawulo nemali kwiHWC. U-MEC unoxanduva lokusungula igunya kunye nokumisela iBhunga eliya kuba sesikhundleni ngesiqingatha ngasinye se-ofisi esilandelayo. (Inguqulelo yesiBhulu nesiXhosa)
UMthetho wooVimba bePhondo kunye neNkonzo yeeRekhodi zeNtshona Kapa, wama-2005	umthetho wesi-3 wama-2005 (eNtshona Kapa)	Lo mthetho umisela iNkonzo yooVimba neeRekhodi zePhondo laseNtshona Kapa ukuze kugcinwe iirekhodi zikarhulumente nezingezozikarhulumente zokugcina ixabiso lokusetyenziswa luluntu kunye noRhulumente; ukwenza ezo rekhodi zifikeleleke; ukukhuthaza ukusetyenziswa kwazo luluntu; nokubonelela ngolawulo olululo kunye nokukhathalela iirekhodi zikarhulumente.
UMmiselo weMyuziyam, we-1975	uMmiselo wesi-8 we-1975 (kwiPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuthotyelwa kwezibonelelo zalo Mmiselo kangangoko ichaphazela iimyuziyam zephondo kwiNtshona Kapa. Umthetho omsha wemyuziyam yephondo uyayilwa ngokubonisana ngokuphathelele kwabachapazelekayo.
UMmiselo we-Oude Kerk Volksmuseum Van 't Land van Waveren (iTulbagh),	uMmiselo we-11 we-1979 (kwiPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuphunyezwa nokuthotyelwa kwezibonelelo zalo Mmiselo ukulawula imicimbi ye-Oude Kerk Volksmuseum eTulbagh.

Umthetho wePhondo	Isalathisi	Inkcazelo
we-1979		
UMmiselo weNkonzo yeThala leNcwadi lePhondo, we-1981	uMmiselo we-16 we-1981 (kwiPhondo laseKapa)	I-DCAS inoxanduva lokuphunyezwa nokuthotyelwa kwezibonelelo zalo Mmiselo ngokuphathelele namathala eencwadi ephondo kwiNtshona Kapa.

1.3 Ubume bomgaqonkqubo

UBUME BOMGAQO NKQUBO KAZWELONKE

Ezona zicwangciso ziphambili zikazwelonke ekuphendulwa kuzo zizicwangciso zeSebe ziziCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke kunye neSikhokelo sesiCwangciso sesiQingatha soNyaka (i-MTSF) sowama-2020 ukuya kowama-2025.

IsiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke sijolise ekupheliseni intlupheko nasekunciphiseni ukungalingani ngowama-2030 kwaye sinikezela ngesikhokelo esibanzi sokukhokela ukukhetha kunye nezenzo eziphambili. Ichaza indlela ehambelanayo negqibeleleyo yokujongana nentlupheko kunye nokungalingani ngokusekwe kwizinto ezintandathu ezijolise phambili, ezidityaniswe zashwankathelwa ngezantsi:

Ukumanya boMzantsi Afrika kwinkqubo efanayo ukufezekisa impumelelo nobulungisa.

- Ukukhuthaza ubumi obusebenzayo ukuqinisa uphuhliso, idemokrasii nokuthatha uxanduva.
- Ukuzisa ukukhula okukhawulezayo koqoqosho, utyalo mali oluphezulu nokutshala umdla omkhulu wabasebenza.
- Ukujolisa kwezona zakhono zingundoqo zabantu kunye nezikarhulumente.
- Ukwakha urhulumente onako kunye nophuhliso.
- Ukukhuthaza ubunkokheli obomeleleyo ngokuthi uluntu lusebenzisane ukusombulula iingxaki.

Ukumanya bonke abantu boMzantsi kwinkqubo efanayo, iNDP ichaza into yokuba “ubugcisa nenkcubeko zivula iindawo ezinamandla zengxoxo malunga nendawo uluntu eluzifumana lukuyo nalapho luya khona. Ngokukhuthazwa ngempumelelo, amashishini oyilo nenkcubeko anganegalelo elikhulu kuphuhliso lwamashishini amancinane, ekudalweni kwemisebenzi, kunye nakuphuhliso lwesixeko nokuhlaziywa ngokutsha”.

Ukujonga kwizakhono eziphambili zabantu kunye norhulumente, i-NDP ithi “imidlalo idlala indima ebalulekileyo ekukhuthazeni impilo nonamathelwano kwezentlalo”. Imidlalo ithathwa njengomcimbi oxananazileyo kwi-NDP, inegalelo kwimfundo, kwezempilo nasekwakheni isizwe. UMbono wesiCwangciso soPhuhliso kaZwelonke wama-2030 ukwachaza ukuba ubugcisa, inkcubeko kunye nelifa lemveli zibonelela ngamathuba okuqubisana neziphumo ezithetha ngokubambisana / ukubandakanywa koluntu kunye nokwakhiwa kwesizwe.

Ngokuhambelana nesiCwangciso soPhuhliso sikaZwelonke, urhulumente waphuhlisa isiKhokelo sesiCwangciso sesiQingatha soNyaka (iMTSF) eyilelwe ukukhokela umgaqo nkqubo kunye neenkqubo kwisithuba seminyaka emihlanu sowama-2020 ukuya kwengama-2025. I-MTSF iqulathe iziphumo ezisixhenxe eziphambili:

Isiphumo soku-1	Urhulumente onako, onemigaqo nophuhlayo
Isiphumo sesi-2	Inguqu yezoqoqosho kunye nokudalwa kwamathuba emisebenzi
Isiphumo sesi-3	Imfundo, izakhono kunye nempilo
Isiphumo sesi-4	Ukudityaniswa kwemivuzo yoluntu ngenkonzo enokuthenjwa esemgangathweni
Isiphumo sesi-5	Ukuhlenganiswa komhlaba, ukuhlaliswa koluntu kunye norhulumente wezekhaya
Isiphumo sesi-6	Ubandakanyo loluntu kunye noluntu olukhuselekileyo
Isiphumo sesi-7	I-Afrika engcono neHlabathi elingcono

Igalelo leSebe kufezekiso lweZiphumo zeziCwangciso zikaZwelonke ezisi-7 lihamba ngolu hlobo lulandelayo:

Isiphumo seMTSF	Igalelo leSebe
Isiphumo soku-1: Urhulumente onako, onemigaqo nophuhlayo	IMidlalo nolonwabo kwiphondo iqhutywa sisicwangciso sezemidlalo kunye nolonwabo kuzwelonke kwaye iinkonzo zibonelelwa ngokubambisana noluntu, imibutho yemidlalo, amabhunga emidlalo kunye noomasipala. Uphuhliso lwesiCwangciso sokuPhucula ukuHanjiswa kweNkonzo (SDIP) luqinisekisa ukuba iSebe ligxile kwinkqubo yokunyuswa kwezinga nokuphuculwa kweenkonzo ezichongiweyo. Ubonelelo lwemisitho emikhulu kukhuthaza ukhenketho lwezemidlalo. ISebe lisebenza neemmanyano zezemidlalo kwiPhondo elifikelela kwinkxasomali yemisitho emikhulu. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linoxanduva lenkqubo yenkonzo yolutsha yephondo. Oku kuboniswe kwiNkqubo yeYearBeyond. Inkqubo yeYearBeyond ibonelela ngaphezulu kwamavolontiya amathuba ngonyaka ngamnye kulutsha lwethu kunye noqeqesho lobunkokheli kunye nendlela eya engqeshweni. Kunamhla oku, ama-82% eqela lamavolontiya lilungiselelwe ingqesho okanye izifundo, kwaye phantse isiqingatha siyaqhubeka sivolontiya ngeveki kwiindawo ahlala kuzo.
Isiphumo sesi-2: Inguqu yezoqoqosho kunye nokudalwa kwamathuba emisebenzi	INkqubo yezoLonwabo, iNkqubo yeMOD kunye neNkqubo yezeMidlalo yeSikolo zibonelela ngamathuba engqesho kubantu abaninzi kubaxhamli ekuhlaleni. Amathuba omsebenzi weEPWP kwinkcubeko nakwicandelo lwentlalo ayabonelelwa. ISebe liququzelela amathuba omsebenzi kunye namanye amathuba ngeenkqubo ezijolise ekufumaneni kolutsha izakhono ukuququzelela indlela yabo yokungena kwimakethe yemisebenzi. Ukuxhasa nokuncedisa ngemali ukhenketho lwenkcubeko ngomibhiyozo kwiPhondo liphela kufaka igalelo ekudaleni imisebenzi. Amathuba

Isiphumo seMTSF	Igalelo leSebe
	omsebenzi adaliweyo ngezobugcisa kunye nokuphuhlisa kwenkcubeko kunye namaqonga emiboniso. ISebe libonelela ngenkxasomali kubasebenzi bethala leencwadi loluntu. Amathuba engqesho ayadalwa ngokwakha nokuphucula amathala eencwadi oluntu.
Isiphumo sesi-3: Imfundo, izakhono kunye nempilo	Isabelo esikhulu sohlahlo lwabiwomali sichithwa kubonelelo leenkonzozamathala eencwadi kunye nasekuthengeni izixhobo zethala leencwadi, ngokuxhasa ukuphuculwa iziphumo zokufunda nokubhala. ISebe, ngokusebenzisa iYearBeyond likwabonelela ngezinye iincwadi kwezi zikolo. Umsantsa wezemfundo phakathi kwabafundi abanezixhobo zokusebenza kunye nabo zinqongopheleyo kubo ungangunobangela wokwahluleka kwabo ukufikelela ezincwadini emakhayeni abo, kwiholide zosapho, i-intanethi, kwimisebenzi eyongezelelweyo, ukuvuleleka kunye nenkxaso. ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo linceda ukuvala umsantsa ngokunikezela ngeenkqubo zasemva kwesikolo kubafundi abahamba isikolo kumaziko eMOD kwizikolo ezili-181, iziza zezikolo ezili—143 leZikolo zaseBumelwaneni, iziza ezingama-68 zeYearBeyond kunye nama-30 eziza zendawo ezikolweni. Uthatho nxaxheba lomfundi kwezi nkqubo lunceda ekuhanjweni kwesikolo ngumnfundi, ululeko lomfundi, intsebenziswano, kananjalo nokugcina umfundi enomdla kukuhamba isikolo. Amaziko eMOD abonelela abafundi ukuba baveze ezemidlalo ezifundiswa ngekharikyulam ehleliweyo kunye nezicwangciso zezifundo ezijolise kuphuhliso lwezakhono zobomi. Izikolo ezikufutshane (NHS) zincipha ekuboneni nasekuphuhliseni italent kwiikhowudi ezichongiweyo. Inkqubo yeMidlalo yeZikolo ijonge kwimisebenzi yasemva kwesikolo yabantwana abahamba isikolo. Inkqubo yoLonwabo igxile kumaziko kukhuthaza ezolonwabo kunye nezemidlalo. I-YearBeyond igxile kakhulu ekusombululeni imisantsa kwimfundo yolwazi lokufunda nokubhala kunye nolwazi lokubala kune nokuhlola ezikolweni kwacha uthando lokonwabela ukuba ngaphandle. ISebe liqhuba amaphulo okwazisa ngoovimba ezikolweni kukhuthaza abafundi ukuba basebenzise izixhobo ezigciniweyo ukuxhasa imbali nezixhobo zokufunda zemveli. ISebe likhuthaza uhlaziyo kunye nemisebenzi yezemidlalo kwiPhondo. Ukuzonwabisa kunye nezemidlalo kukhuthaza iindlela zokuziphatha ezilungileyo zobomi bonke. Amaziko enkcubeko eSebe asetyenziswa yimibutho engekho phantsi kolawulo lukarhulumente (iINGO), imibutho yasekuhlaleni, kunye namasebe karhulumente, kwimisebenzi yobugcisa nenkcubeko kukhuthaza ukubandakanywa koluntu nentlalontle, nokuvulela ulutsha kwimeko enikezela ngeendlela zokuphila ezizezinye kwiingxaki zentlalo eyonakalisa uluntu lwetho.

Isiphumo seMTSF	Igalelo leSebe
Isiphumo sesi-4: Ukudityaniswa kwemivuzo yoluntu ngenkonzo enokuthenjwa esemgangathweni	Ngokweenkqubo zobandakanyo lwentlalo, iSebe landisa imigaqo nkqubo yokhuselo ekuhlaleni ngokunciphisa ukuba sesichengeni ekuhlaleni kwabasetyhini, abantwana, umntwana oyintombazana, ophila nokukhubazeka, kunye nabadala, ngokusetyenziswa kweenkqubo zenkcubeko nemidlalo. IProjekthi yokuNxibelelanisa lwamaThala eencwadi asemaPhandleni iyaphunyezwa kwaye igcinwa kumathala eencwadi zasemaphandleni. Iprojekthi iyaphuculwa ngokukhutshwa kwebroadband kunye nokufikelela kwi-Wi-Fi. Amathala eencwadi amancinci asekwe kwiindawo ezisemaphandleni ezinabantu abambalwa ukuze kubonelelwe kufikelelo kumaziko amathala eencwadi.
Isiphumo sesi-5: Ukuhlanganiswa komhlaba, ukuhlaliswa koluntu kunye norhulumente wezekhaya	liklabhu kwiindawo ezisemaphandleni zixhaswa ngeNkqubo yokuPhuhliswa kweeKlabhu. Amaziko eMOD namaZiko oLonwabo abonelela ngeenkonzo zemidlalo nolonwabo kuluntu kwasemaphandleni. Amaziko eMOD asemaphandleni ayabandakanywa kwinkqubo yesondlo. Ngeenkqubo zobugcisa nenkcubeko, kunye nenkxaso ngezemali iSebe liqinisekisa ngothintelo lwenkcubeko kunye nokukhuthazwa kwezobugcisa kwizithili zasemaphandleni. Ulawulo LweZixhobo zeLifa leMveli yinxalenye yesicwangciso kunye nolawulo lophuhliso lwezibonelelo. Ngale ndlela iSebe, ngentsebenziswano noomasipala, ijolise ekuqinisekiseni ukuba ilifa lihlanganisiwe kucwangciso lwedolophu kunye nommandla, kunye nophuhliso kwinqanaba lokuqala lesicwangciso. Oku kwenziwa ubukhulu becala ngenkxaso yegunya lezixhobo zeLifa leMveli elinoxanduva lokulawula ubutyebi belifa leMveli. Iziko lezeMidlalo elibonelelayo liququzelelwa kubo bonke oomasipala kunye neemanyano zezemidlalo, ukuze kuphuhliswe kwaye kulungelelaniswe nemidlalo kuluntu lonke lwePhondo. Amaziko enkcubeko abonelela uluntu nemibutho indawo yokuzisebenzisa kwimisebenzi ehambelana negunya leSebe. Ukongeza, iLifa leMveli leNtshona Kapa lidala iindlela ukuhlanganisa ezendalo kunye nemiba yelifa leMveli kwinkqubo yokucwangcisa indawo kunye nophuhliso Inkcubeko sisixhobo sokudlulisela ulwazi, kunye nemilinganiselo yokuziphatha neempawu zentlalo esulungekileyo. Ukukhuthaza ubugcisa nenkcubeko kunye nolondolozo lubangela uzinzo kwinkcubeko yoluntu lwentengiso enegalelo kuhlalisoluntu okuzinzileyo Inkqubo yoLawulo lweRekhodi inceda amaqumrhu karhulumente, kubandakanya oomasipala, ukulawula iirekhodi ukuphucula ukuphendula kunye nolawulo olululo. ISebe likwabonisa ukuzibophelela kulungelelwaniso lwe-IDP ngokuzibandakanya kwi-IDP noorhulumente basekhaya.

Isiphumo seMTSF	Igalelo leSebe
	IiMyuziyam ezingamahlakani amanyeneyo eSebe abonelela ngeenkqubo zemfundo ezikhuthaza ukusetyenziswa ngokuzinzileyo kwezixhobo zobume bendalo. Ukongeza, iLifa leMveli laseNtshona Kapa lenza iindlela zokudityaniswa kwemicimbi yendalo esingqongileyo kunye nelifa lemveli kwinkqubo zokucwangciswa kwendalo kunye nophuhliso. ISebe likhuthaza iimpawu zentsulungeko ezisemgangathweni zoMgaqo-siseko kunye neempawu zesizwe ngemiboniso, iinkqubo zikawonke-wonke, iingxoxo zabahlali, iinkqubo zemfundo, ukulawulwa kwezibonelelo zelifa lemveli, ukuphuculwa kolutsha, imidlalo nolonwabo, kunye neenkqubo zasemva kwesikolo. ILifa leMveli leNtshona Kapa, iQumrhu likaRhulumente elamiselwa ngokwemigaqo yoMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli, linoxanduva lokuchonga, ukukhusela, ukugcina, ukukhuthaza nokulawula izixhobo zelifa lemveli ezibalulekileyo ezibonisa ixabiso kunye nokwabelana.
Isiphumo sesi-6: Ubandakanyo loluntu kunye noluntu olukhuselekileyo	IKomiti yaMagama eeNdawo eNtshona Kapa ikhuthaza ukubandakanywa koluntu ngokwazisa kunye nenkxaso kwinkqubo (yokunika amagama). Inkqubo ixhaswa ziinkqubo zokuthatha inxaxheba kukawonke-wonke. Injongo yeKomishini yeNkcubeko yeNtshona Kapa kukukhuthaza, ukugcina nokukhulisa inkcubeko. Iinkqubo ezixhaswe yiWCCC zijolise ekukhuthazeni nasekulondolozeni iindlela zenkcubeko, kwaye zizame ukudala ukwazisa nokuhlonipha inkcubeko eyahlukeneyo eNtshona Kapa. Ngokubonelela ngenkonzo yokuhlela, yokuguqula kunye neenkonzo zokutolika, iSebe lifaka igalelo ekubandakanyeni/ekubumbeni ngokuphucula unxibelelwano kwiilwimi ezintathu zaseNtshona Kapa, kunye noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika. ISebe ngokusebenzisana neKomiti yeelwimi yaseNtshona Kapa likhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, iilwimi zomthonyama ezazifudula zisingelwe phantsi kunye noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika ngeenkqubo zalo zokwandisa ulwazi kunye nokusetyenziswa kwezi lwimi ngabahlali baseNtshona Kapa. Ngophuhliso lobugcisa nenkcubeko kunye neenkqubo zokukhuthaza, iSebe libonelela ngamathuba kulutsha, abasetyhini, abantwana nabantu abaphila ngokhubazeko abavela kwiindawo ezahlukeneyo zokunxibelelana nokufumana izakhono zobugcisa kunye nezobomi. La mathuba kubantu abasesichengeni nabahlelelekileyo babonelela ngamaqonga onxibelelwano nentlalo-ntle, ngelixa besomeleza ukubandakanywa/unamathelwano phakathi koluntu. Iimyuziyam zibhiyozela iintsuku ezahlukeneyo zesikhumbuzo kuzwelonke kunye neenkqubo zoluntu ezikhuthaza ukubandakanywa/ukubumbana. Imiboniso ibonisa ngokucacileyo iinkalo ezazifudula zingakhathalelwanga ngaphambili zeembali zezekhaya ngokuhlangeneyo zoMzantsi Afrika, ifaka igalelo ngakumbi ekubandakanyeni/ekubumbeni. Amathala eencwadi asebenza njengeendawo ezixakeke kakhulu ezikhuthaza nezixhasa ubandakanyo.

Isiphumo seMTSF	Igalelo leSebe
	Ezolonwabo, iNkqubo yeMOD, kunye nemisebenzi yezeMidlalo yeZikolo eyenzeka koomasipala abohlukeneyo ixhasa intsebenziswano elungileyo kwezoluntu, ezolonwabo nezemidlalo kuluntu. Uluntu luyakhuthazeka ukuba lubenegalelo kwimbali yomlomo yokubandakanywa ekuhlaleni, kunye nokwazi nangakumbi malunga nelifa labo lemveli ngokuthi bafumane izixhobo ezigciniweyo, oko ke komeleza ubuqu kunye nokubandakanyeka ekuhlaleni. Ukuthatha inxaxheba kwesininzi kwezemidlalo nolonwabo, kunye nakwezobugcisa nenkcubeko, kunegalelo ekwakhiweni kobuqu obuqhelekileyo kwilizwe elinabantu abahlukeneyo, abanonwamathelwano kwintlalo, kwaye iSebe liyakuxhasa oku ngamanyathelo alo. IPhepha leNgcaciso yoMgaqo-nkqubo lezeMidlalo noLonwabo (Iama-2012) libonisa ukubaluleka kwemidlalo kwiinzame zokunciphisa ulwaphulo-mthetho. Inkqubo yeMOD ibandakanya ikharithyulamu ehleliweyo kunye nezicwangciso zezifundo ezigxila kuphuhliso lwezakhono zobomi. Abafundi abahamba isikolo bathatha inxaxheba kwimisebenzi yasemva phantsi kwamaZiko eMOD asezikolweni nakwizikolo ezesebuMelwaneni, ngaloo ndlela bedala indawo ekhuselekileyo nenendawo yokuthatha inxaxheba kwimisebenzi eyonwabisayo, umdlalo, ulonwabo, ezemidlalo, ubugcisa, inkcubeko, kunye nemisebenzi yemfundo. IMidlalo noLonwabo kwiPhondo iqhutywa sisiCwangciso sikaZwelonke seMidlalo noLonwabo kwaye iinkonzo zinikezelwa ngentsebenziswano noluntu, iimanyano zemidlalo, amabhunga ezemidlalo noomasipala. Uphuhliso lwesiCwangciso soPhuculo lokuHanjiswa kweNkonzo (SDIP) kuqinisekisa ukuba iSebe ligxile kwinkqubo yokwandiswa kunye nokuphuculwa kweenkonzo ezichongiweyo.
Isiphumo sesi-7: I-Afrika engcono neHlabathi elingcono	Ukuxhasa ukudityaniswa kwengingqi kunye nelizwekazi, inkqubo yeNyanga yeAfrika yeli Sebe ikhuthaza ukuzingca kwe-Afrika ukukhuthaza ukubandakanywa kwintlalo kunye nokupheliswa kobungqingili. Inkxaso kwiiManyano zikaZwelonke ukuphucula nangakumbi inqanaba lokuthatha inxaxheba kwe-Afrika.

Imigaqonkqubo kazwelonke ilandelayo kunye nezicwangciso-nkqubo zikwabalulekile kwigunya lomgaqo-nkqubo weSebe:

Umgaqonkqubo	Inkcazelo
Imigaqonkqubo kaZwelonke	
IPhepha leNgcaciso loMgaqonkqubo kaZwelonke kwezobugcisa iNkcubeko neLifa leMveli	Olu xwebhu lubonelela ngesikhokelo somgaqo nkqubo kazwelonke nowephondo kwezobugcisa, inkcubeko, ilifa lemveli, ithala leeencwadi kunye neenkonzo zoovimba.

Umgaqonkqubo (we-1996)	Inkcazelo
